basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2017

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Isincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi: (2 x 25) (50)

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8 Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

UMBUZO 1

1.1 Ube ngumzekelo omhle ebomini bam … **[50]**

1.2 Indlela esuka entluphekweni isiya empumelelweni. **[50]**

1.3 Ukuba nethemba. **[50]**

1.4 Inxeba lendoda alihlekwa. **[50]**

1.5 Zihloniphe ukuze uhlonitshwe. **[50]**

1.6 Ukuphila ubomi bamaphupha am. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1

[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch.com] **[50]**

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch.com] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: [50]

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Bhalela uMphathi-sitishi samapolisa engingqi yakho ukhalazele ulwaphulo-mthetho oluthathe unyawo. **[25]**

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari. **[25]**

2.3 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini ngoluvo lwakho malunga nentlawulo kumaziko emfundo ephakamileyo. **[25]**

2.4 INTETHO ENGEKHO SESIKWENI

Bhala intetho engekho sikweni. **[25]**

2.5 IRIVYU

Bhala irivyu yencwadi oyifundileyo. **[25]**

2.6 UDLIWANO-NDLEBE

Bhala udliwano-ndlebe. **[25]**

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100